URhulumente weNtshona Koloni
EzeMfundo

ICandelo loLawulo lweKharityhulam noVavanyo

Isalathiso: 20210615-3803
Inombolo yefayili: 12/2/11/1/Notice of Economic and Management Sciences teacher professional development workshop for Grade 9 teachers
Imibuzo: A Venter

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye*GET*: DCG 0003/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli be*GET*, kuBacebisi ngeziFundo besiGaba esiPhakathi, kuBacebisi ngeziFundo besiGaba esiPhakamileyo nakwiiNqununu zazo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nakwizikolo ezizimeleyo

Isihloko: Isaziso ngomasifundisane wophuhliso lwezakhono zootitshala beBakala kwisifundo se-*Economic and Management Sciences*

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i*WCED*) ngentsebenziswano neYunivesithi yaseStellenbosch (*SU*), licela bonke ootitshala bezifundo zeeSayensi zoQoqosho noLawulo (*EMS*) ukuba benze ikhosi yoqeqesho kwikhompyutha kwizifundo zoLwazi ngezeMali (*Financial Literacy*), oko kukuthi, engabenzi-matyala nababolekisi-mali (*debtors and creditors*).

2. Injongo yeeseshoni zophuhliso lootitshala ngezakhono kukomeleza ukufundiswa kwesifundo se-*EMS* kwiBakala 9 ngokunika ulwazi nezakhono kootitshala abafundisa esi sifundo kwiBakala 9.

3. Le khosi iya kwenziwa ngabahlohli abasuka kwiYunivesithi yase*Stellenbosch* kwakunye noMcwangcisi weKharityhulam oMkhulu (*Senior Curriculum Planner*), uGqr. Antoinette Venter. Zonke izinto zokufunda zivunywe yiYunivesithi yase-*Stellenbosch*, liSebe iWCED kunye neBhunga looTitshala laseMzantsi Afrika (*South African Council of Educators*).

1 North Wharf Square, 2 Lower Loop Street,
Foreshore, Cape Town, 8001
Tel: +27 21 467 2501 Fax: +27 21 483 7658

Private Bag X9114, Cape Town, 8000
Employment and salary enquiries: 0861 92 33 22
Safe Schools: 0800 45 46 47
wcedonline.westerncape.gov.za

Uqeqesho luya kuba neeseshoni ezine yaye luya kwenzeka ngale mihla ilandelayo:

- NgoMvulo, we-26 Julayi 2021 ngo-16:00 – 17:30
- NgoMvulo, we- 02 Agasti 2021 ngo-16:00 – 17:30
- NgoMvulo, we-16 Agasti 2021 ngo-16:00 – 17:30
- NgoMvulo, we-23 Agasti 2021 ngo-16:00 – 17:30

4. Ezi seshoni ziya kwenziwa ngesiNgesi nangesi-Afrikansi kwiqonga lonxibelelwano ekhompyutheni kwi-*Microsoft Teams*.

5. Ukubakho kule khosi kuya kukhokelela efunyanweni kwesatifikethi sokuvunywa ngokukuko ukuba lowo ufumene isatifikethi sekhosi ufumene inkxaso enzulu kwisifundo se-*EMS* esuka kwiYunivesithi yase*Stellenbosch*.

6. **Ubhaliso:**
   Kucelwa ootitshala babhalise kwikhompyutha besebenzisa le linki ilandelayo: https://docs.google.com/forms/d/14sJOW9ShARMFReMfSS7FtOkJzpO35Vvw3HwHbuDOm4w/edit?usp=sharing **phambi okanye ngoLwesihlanu we-09 Julayi 2021.**

7. Ngayo nayiphi ingcaciso engaphezulu kucelwa niqhagamshelane nomququzeleli wephondo, uGqr Antoinette Venter, apha Antoinette.venter@westerncape.gov.za okanye ku-021 467 2501.

8. Kucelwa iinqununu zazise okukule ngcaciso imfutshane ootitshala be-*EMS* beBakala 9 ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED
USEKELA MLAWULI-JIKELELE OBAMBELEYO WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2021-06-21